



## Inspiration for a new year

**Every day all across South Africa reading activists like us (and you!) help children to discover the joy of books. Sometimes the children we share stories with are our own children, but often they are also the children in our classrooms, libraries and reading clubs. And we are part of a wider community of adults across the world who are committed to making sure that our children experience the power that reading holds!**

Helping children to establish the habit of reading for enjoyment takes time and energy – it happens as we share books and stories with children again and again. And to keep doing this, we need to stay motivated. So, to help us walk with children on their literacy journeys in 2016, here are the stories of a few inspiring individuals and communities beyond our borders who have found different ways to spark and encourage a love of reading.

- ★ Courtney Holmes is a barber from Iowa in the USA. He started a reading programme called “Tales 4 Trims” at the hair salon where he works! Instead of asking for money for back-to-school haircuts, he asks the children to read aloud to him from the books he has available while he cuts their hair! When he first started Tales 4 Trims, the salon didn’t have any children’s books, so Courtney brought in his own books from home. After a while, people started sending him free books. And to prove how good ideas really do catch on, the owner of the salon is now planning to make “reading for haircuts” a monthly event at the salon!
- ★ In the city of Bristol in the USA, a van has been turned into a “Bookmobile” that travels from district to district promoting reading in areas where children can’t get to the library – either because they live too far away or because their parents work long hours and so can’t take them. The van is stocked with board games and books for children to read there or to take home. The staff of the Bookmobile also read aloud to children and give away books that have been donated to the Bookmobile.

*Continued on page 2.*

## Impembelelo yonyaka omtsha

**Yonke imihla kulo lonke eloMzantsi Afrika amatshantliziyo okufunda afana nathi (kunye nawe!)anceda abantwana bafumane ulonwabo ezincwadini. Ngamanye amaxesha abantwana esabelana nabo ngamabali ngabantwana bethu, kodwa kumaxesha amaninzi aba ngabantwana abaseziklasini zethu, abakumathala eencwadi kunye nabasezikhlabhini zokufunda. Ngoko ke, kuluntu siyinxalenye yeqela labantu abadala, kwihlabathi ngokubanzi, abazinikele ekuqinisekiseni ukuba abantwana bethu bayawafumana amava aqulethwe ngamandla okufunda!**

Ukukhuthaza abantwana ukuba baziqhelanise nokufundela ukuzonwabisa kuthatha ixesha elide kwaye kuyaduba – oku ke kwenzeka xa sisabelana ngeencwadi kunye namabali nabantwana bethu rhoqo. Kwaye, ukuze uqhubeke ngokukuko nokwenza oko, kufuneka uhlale ukhuthazekile wena siqu. Ngoko ke, ukuze sancedakale ekukhapheni abantwana bethu kuhambo lwabo lwelitheresi ngowama-2016, masifunde la mabali aphembelelayo abantu abambalwa abakhutheleyo kunye nawoluntu olungaphaya kwemida yeli lizwe. Aba bantu bafumene iindlela ezahlukileyo zokuvuselela kunye nokukhuthaza uthando lokufunda.




*Isaqhubeka kwiphepha le-2.*



Drive your imagination

Story Power.  
Bring it home.  
Wazise ekhaya amandla eballi.




From page 1

- ★ The town council of Grenoble in France has found a new way to get stories to people. They have put eight vending machines across the town and these machines have something other than chocolates, chips and sweets to offer members of the public. Anyone can get a short story free of charge from one of the machines – all you have to do is press one or two buttons and a printed story comes out! You can even choose if you want a really short story (that takes about three minutes to read) or one that is a bit longer (five minutes)!
- ★ The Biblio Burro is a travelling library in Colombia that takes books to children in some of the country's poorest and most difficult-to-reach areas – and it does this on the back of two donkeys! The library was started with just 70 books in the late 1990s by book-lover and primary school teacher, Luis Soriano. Since then many people have got to know about the project – it has been featured in television news reports and there is a video about it on YouTube! This has helped Luis to keep the project going and to grow his collection of books to about 4 800. Work has started on building a small library, but Luis still uses his donkeys to take books to children who might never see books if he didn't visit them regularly!
- ★ "500 Men Reading" is a project started by literacy activist and author, Floyd Stokes who lives in Central Pennsylvania in the USA. Floyd believes it is very important for children to have contact with adults who are passionate about reading – especially men, because in lots of communities, it is women who do all the reading or telling of stories to children. Floyd and his network of volunteers go into local schools and get children interested in reading by spending an hour or two reading to them. Clearly many other people think this is a good idea because in only a few years, the project has grown from 100 men to 500 men!

In 2016, we hope you will continue to feel inspired to join hands with the people around you and from all over the world who care about growing a love of books and reading in children!

Children who are not spoken to by live and responsive adults will not learn to speak properly. Children who are not answered will stop asking questions. They will become incurious. And children who are not told stories and who are not read to will have few reasons for wanting to learn to read.

Gail E. Haley, storyteller, puppeteer, award-winning children's book author and illustrator



Isaqhubeka, isuka kwiphepha lo-1

- ★ Ibhunga ledolophu yaseGrenoble eFrance lifumene indlela entsha yokuzisa amabali ebantwini. Babeka oomatshini abasibhozo abakhupha izinto ezithengiswayo kuyo yonke idolophu kwaye aba matshini bathengisela uluntu ezinye izinto ngaphandle kweetshokolethi, iitships kunye neelekese. Nabani na angafumana ibali elifutshane simahla komnye waba matshini – konke ekufuneka ukwenze kukucofa iqhosha elinye okanye amabini ukuze kuphume ibali eliprintiweyo! Xa ufuna, unakho ukuzikhethela ibali elifutshane kakhulu ukuba uyathanda (elithatha malunga nemizuzu emithathu ukulifunda) okanye elidana noko (elithatha imizuzu emihlanu)!



Abantwana ekungathethwa nabo ngabantu abadala nabathi babaphendule kwiimfuno zabo abasoze bakufunde ukuthetha kakuhle. Abantwana abangaphendulwayo xa bebuza baza kuyeka ukubuza imibuzo. Baza kuyeka ukufuna ukwazi. Kwaye abantwana abangabaliselwa amabali nabangafundelwayo baza kuba nezizathu ezimbalwa zokufuna ukukufunda ukufunda.

nguGail E. Haley, umbalisi-mabali, umenzi nomdlali weepapethi, okwangumbhali weencwadi zabantwana kunye nomzobi ophumelele imbasa.

- ★ I-Biblio Burro lithala leencwadi elihamba lijikeleza eColombia nelithatha iincwadi lizise ebantwaneni kwezinye zezona ndawo zelizwe zihluphekayo nemimandla ekunzima kakhulu ukufikelela kuyo – kwaye oku ikwenza ngeembongolo ezimbini! Eli thala leencwadi laqaliswa ngeencwadi ezingama-70 kuphela ekupheleni kweminyaka yowee-1990 lithanda-ncwadi elalikwangutitshala wesikolo samabanga aphantsi, uLuis Soriano. Abantu abaninzi bayazi le projekthi ukususela ngoko – le projekthi iboniswe njengenqaku eliphambili kwiingxelo zeendaba zikamabonwakude kwaye kukho nevidiyo malunga nayo ku-YouTube! Oku kuncede uLuis aqhube le projekthi ukuze andise nengaqokelela yakhe de iye kwiincwadi ezimalunga nama-4 800. Nakuba nje umsebenzi wokwakha ithala leencwadi elincinane sele uqalisiwe, kodwa uLuis usazisebenzisa iimbongolo zakhe ukusa iincwadi ebantwaneni abangasoze bazibone iincwadi ukuba akabandwendweli rhoqo!
- ★ Iprojekthi ebizwa ngokuba yi-"500 Men Reading" yiprojekthi eyaqalwa litshantliziyo lelitheresi kunye nombhali, uFloyd Stokes ohlala eCentral Pennsylvania e-USA. UFloyd ukholelwa ukuba kubalulekile kakhulu ukuba abantwana babe nonxulumano nabantu abadala abakuthanda kakhulu ukufunda – ingakumbi amadoda, kuba kwiindawo ezininzi, ngabasetyhini abafundela okanye ababalisela abantwana amabali. UFloyd kunye namavolontiya anxibelelana nasebenzisana nawo baya kwizikolo ngezikolo zasekuhlaleni bevuselela umdla wokufunda ebantwaneni ngokuhlala nabo iyure okanye ezimbini bebefundela. Ngokucacileyo nabanye abantu abaninzi bacinga ukuba le yingcinga entle kuba kwiminyakana nje embalwa le projekthi yasekwa, yaninamadoda nje ali-100, kungoku nje sele inamadoda angama-500!

Ngowama-2016, sinethemba lokuba uza kuqhubeka uziva uvuselelekile ngokokude uzibandakanye nabantu abakungqongileyo kunye nabo baphuma kulo lonke ihlabathi abakhathalayo malunga nokukhulisa uthando lweencwadi nomdla wokufunda ebantwaneni!

## World Read Aloud Day 2016

World Read Aloud Day is being celebrated early this year – on Wednesday, 24 February. Look out for our special World Read Aloud Day edition of the Nal'ibali Supplement, which will be available in the week of 14 February. It will have a special World Read Aloud Day cut-out-and-keep book featuring Neo from the Nal'ibali family! For information on how to get involved in Nal'ibali World Read Aloud Day activities, go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

## USuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lowama-2016

USuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lubhiyozelwa kwangethuba kulo nyaka – lubhiyozelwa ngoLwesithathu, umhla wama-24 kweyoMdumba. Hlala ukhangele ushicilelo lwethu olukhethekileyo lohlelo lweNal'ibali loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, oluza kupapashwa kwiveki yomhla we-14 kweyoMdumba. Olu shicilelo luza kuba nencwadi ekhethekileyo onokuyisika-ze-uyigcine yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi apha uNeo ophuma kusapho lwakwaNal'ibali engoyena mlinganiswa uphambili! Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe malunga nokuzibandakanya kwimisebenzi yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, yiya ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



Drive your imagination



## Nal'ibali news

**During 2015, Puku Children's Literature Foundation ran an isiXhosa story writing competition for young people between the ages of 13 and 19 years.**

The competition was sponsored by REDISA (Recycling and Economic Development Initiative of South Africa), and supported by Nal'ibali. The competition was aimed at celebrating and preserving the isiXhosa language and rich heritage of storytelling, as well as raising awareness of the importance of taking care of the environment.

In September 2015, the ten finalists in the competition were brought to Cape Town for an award ceremony that was hosted by acclaimed storyteller, Dr Gcina Mhlophe. All the finalists were presented with a certificate, a gold medal and a gift bag that included books by award-winning writers Siphon Kekezwa and Sonwabiso Ngcowa. (Both writers were at the ceremony so they could sign their books for each finalist!)

There were tears of joy when the three winners were announced. Nwabisa Gasa from Khayelitsha (Western Cape) won the first prize of R10 000. Amkele Nokrala from Philippi East (Western Cape) won the second prize of R5 000 and Simamkele Socishe from Port Elizabeth (Eastern Cape) won the third prize of R3 000.

Nal'ibali would like to congratulate all the finalists, and especially the winners!

## Iindaba zakwaNal'ibali

**Kowama-2015, abakwaPuku Children's Literature Foundation baqhube ukhuphiswano lokubhala ibali ngesiXhosa belwenzela abantu abatsha abaphakathi kweminyaka e-13 ne-19 ubudala.**

Olu khuphiswano lwaluxhaswa ngabakwaREDISA (Recycling and Economic Development Initiative of South Africa), bencediswa ngabakwaNal'ibali. Olu khuphiswano lwalujolise ekubhiyozeleni nasekulondolozeni ulwimi lwesiXhosa nelifa eliyinkcubeko yokubalisa amabali, kwakunye nokuxhobisa uluntu ngokubaluleka kokukhathalela okusingqongileyo.

KweyoMsintsi wama-2015, abagqatswa abaphambili abalishumi kolu khuphiswano basiwa eKapa kumsitho wokunikezelwa kweembasa owawuhlinzekwe yimbalsane yombalisi-mabali uGqirha Gcina Mhlophe. Bonke abagqatswa abaphambili banikwa iziqinisekiso, iimbasa zegolide kunye neengxowa ezizele zizipho eziquka iincwadi ezibhalwe ngababhali abaphumelele imbasa abanjengoSiphon Kekezwa kunye noSonwabiso Ngcowa. (Bobabini aba babhali babekho kulo msitho ukuze batyikitye iincwadi ezifunyenwe ngumgqatswa ngamnye!)

Ukubhengezwa kwabathathu abaphumeleleyo kwenza uninzi luphalaze iinyembezi zovuyo. UNwabisa Gasa waseKhayelitsha (eNtshona Koloni) waphumelela ibhaso lokuqala elisisixamali esili-R10 000. U-Amkele Nokrala wasePhilippi East (eNtshona Koloni) waphumelela ibhaso lesibini elisisixamali esingama-R5 000 waze uSimamkele Socishe waseBhayi (eMpuma Koloni) waphumelela ibhaso lesithathu elisisixamali esingama-R3 000.

AbakwaNal'ibali bavuyisana nabo bonke abagqatswa abaphambili, ingakumbi abaphumeleleyo!



Mark Chipps

The top three winners with their parents. From left to right: Simamkele Socishe (3rd prize), Nwabisa Gasa (1st prize) and Amkele Nokrala (2nd prize).

Abathathu abaphumeleleyo kunye nabazali babo. Ukusuka ekhohlo ukuya ekunene: uSimamkele Socishe (ibhaso lendawo ye-3), uNwabisa Gasa (ibhaso lendawo yoku-1) kunye no-Amkele Nokrala (ibhaso lendawo ye-2).



Mark Chipps

Gcina Mhlophe announces the top winner, Nwabisa Gasa, while Elinor Sisulu and Ziyanda Gysman of Puku look on.

UGcina Mhlophe ubhengeza ophumelele kwindawo yokuqala uNwabisa Gasa, lo gama u-Elinor Sisulu kunye noZiyanda Gysman bakwaPuku babukeleyo.



### NAL'IBALI ON RADIO!

Tune in to your favourite SABC radio station and enjoy listening to children's stories! To find out the days and times that Nal'ibali is on the radio, go to [www.nalibali.org/audio-downloads/](http://www.nalibali.org/audio-downloads/).



### UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Phulaphula esona sikhululo sikanomathotholo usithandayo kwijelo losasazo lakwa-SABC uze wonwabele ukumamela amabali abantwana! Ukuze ufumane iintsuku kunye namaxesha uNal'ibali akunomathotholo ngawo, yiya ku-[www.nalibali.org/audio-downloads/](http://www.nalibali.org/audio-downloads/).





## Get story active!

Here are some ideas for using the two picture books and the longer Story Corner story in this supplement. Choose the ones that best suit your children's ages and interests.

### Momma Moeng's surprise

Momma Moeng wants to surprise Gogo Moeng at her home on her birthday – and she gets a lot of help from other people. When she arrives at Gogo Moeng's house she gets a surprise of her own! Children of all ages will enjoy this story and it is also a great story to retell.



- As you read the story, suggest that your children join in by saying the sounds words, like *bobbity-bob* and *pliff-ploff* with you.
- Suggest that your children choose a part of the story that does not have an illustration and draw a picture for it. Let them copy out the words from the story to go with their pictures.
- Invite your children to write a list of all the things that the people in the story gave to make Gogo Moeng's birthday celebration special. Then ask them to add three things that they would like to have given Gogo if they had visited her on her birthday.
- Encourage your children to make their own birthday cards for a friend or family member whose birthday is soon.
- If you run a reading club or other reading-for-enjoyment programme, ask the children to get into groups and act out the story for the rest of the club members.

### Daddy's surprise

This is another story about a surprise. Sisi and her brother want to play with their toys but their dad is using the toys to create something new for them to play with – and that's the surprise! Children aged between 3 and 9 years are most likely to enjoy this story.



- As you read the story together, notice the details in the pictures and comment on them. For example, on page 3, point out the sign on the door and explain that it means "no entry". Then you could say, "I wonder who is making all that noise behind the door. Maybe it is Sisi's dad. What do you think he could be doing? Why do you think he doesn't want anyone to come inside?"
- Talk about Daddy's surprise on page 14–15. What is the surprise? What has the children's dad used to make the surprise? How do you think the children feel about the surprise?
- Challenge your children to create their own surprises using old egg cartons, cardboard boxes, toilet rolls, bottle tops, plastic bottles and lids, polystyrene trays, string, wool and other interesting recycled materials, together with scissors, project glue and paint.

### Pat, the singing rhino

This is the story about a rhinoceros who could sing beautifully, but then lost his voice. Enjoy reading the story aloud or retelling it, then discuss some of these things with your children.



- Why do you think Pat lost his voice?
- Why do you think he only found it when he went home?
- The old woman tells Pat that we should only do things with love in our hearts. Do you think she is correct?
- What did you learn from the story?

## Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengcebiso zokusebenzisa iincwadi ezimbini zemifanekiso kunye neballi elikwiNdawo yamaBali kolu hlelo. Khetha ezo zifanele ubudala nemidla yabantwana bakho.



### UMomma uMoeng wenze okungalindelekanga

UMomma uMoeng wayefuna ukwenzela uMakhulu uMoeng okungalindelekanga kwikhaya lakhe ngosuku lwakhe lokuzalwa – waze wafumana noncedo oluninzi kwabanye abantu. Xa efika endlwini kaMakhulu uMoeng naye wafumana angakulindelanga! Bonke abantwana baza kulonwabela eli bali kwaye libali elikulungele kakhulu ukubaliswa kwakhona.

- Njengokuba ufunda ibali, cebisa ukuba abantwana bazibandakanye ngokuphimsela izandi zamagama anemfano-zandi kunye nawe, njengobhaku-bhaku-bhaku kunye nophaq-phaqa, phaqa-phaqa.
- Cebisa ukuba abantwana bakho bakhethe indawo engenamfanekiso apha ebalini baze bazobe umfanekiso waloo ndawo. Bavumele ukuba bakope amagama avela apho ebalini naza kuhamba naloo mfanekiso.
- Mema abantwana bakho ukuba babhale uluhlu lwezinto abantu abasebalini abazinika uMakhulu uMoeng ukwenza umbhizozo wosuku lwakhe lokuzalwa ube ngokhethekileyo. Emva koko ke bacele ukuba bongeze izinto ezintathu abangathanda ukuzinika uMakhulu ukuba babemndwendwele ngosuku lwakhe lokuzalwa.
- Khuthaza abantwana bakho ukuba benze awabo amakhadi osuku lokuzalwa bewenzela umhlobo okanye ilungu losapho eliza kubhiyozela usuku lwalo lokuzalwa kungekudala.
- Ukuba uqhuba iklabhu yokufunda okanye inkqubo yokufundela ukuzonwabisa, cela abantwana ukuba benze amaqela ze benze umdlalo weqonga osekelwe kwibali bewenzela ukubonisa amanye amalungu eklabhu.

### UTata wenze okungalindelekanga

Eli lelinye ibali elimalunga nokwenzeka kokungalindelekanga. USisi kunye nomntakwabo bafuna ukudlala ngezinto zabo zokudlala kodwa utata wabo uyazisebenzisa, ubenzela enye into entsha yokudlala – kwaye ke oko kokungalindelekanga! Abantwana abaneminyaka e-3 kunye ne-9 ngabona bangalonwabelayo eli bali.

- Njengokuba nifunda ibali kunye, cubungulani iinkcukacha ezisemfanekisweni ze nenze amagqabantshintshi ngazo. Umzekelo, kwiphepha le-3, yolatha uphawu olusecangweni uze ucacise ukuba luthetha ukuthi "akungenwa".
- Emva koko ungathi, "Kazi ngubani lo wenza yonke le ngxolo emva kocango. Mhlawumbi ngutata kaSisi. Ucinga ukuba wenza ntoni? Ucinga ukuba kutheni engafuni mntu ungena ngaphakathi nje?"
- Thethani malunga nokungalindelekanga okwenziwe ngutata kwiphepha le-14 nele-15. Yintoni le ingalindelekanga? Usebenzise ntoni utata waba bantwana ukwenza le nto ingalindelekanga? Ucinga ukuba abantwana baziva njani malunga noku kungalindelekanga?
- Cela umngeni ebantwaneni ukuba benze okwabo okungalindelekanga besebenzisa iibhokisi zamaqanda, iibhokisi zekhadibhodi, iirolo zephepha langasese, iziciko zeebhotile, iibhotile zeplastiki neziciko zazo, izithebe ze-polysterene, imitya, iwulu kunye nezinto ezinokuphinda zisetyenziswe kwakhona, kunye nezikere, iglu yeprojekthi kunye nepeyinti.

### UPat ngumkhombe oculayo

Eli libali elimalunga nomkhombe owawucula kamnandi, waza walahlekelwa lilizwi lawo. Yonwabela ukulifunda okanye ulibalise kwakhona, nize emva koko nixoxe ngezinye zezi zinto nabantwana bakho.

- Ucinga ukuba kwakutheni ukuze lilahleke ilizwi likaPat?
- Ucinga ukuba kwakutheni ukuze alifumane kuphela xa egodukile?
- Ixhegokazi laxelela uPat ukuba kufuneka kwenziwe izinto ngothando olusuka ezintliziyweni zethu. Ucinga ukuba lalithetha okulungileyo?
- Ingaba ufunde ntoni kweli bali?

### Create TWO cut-out-and-keep books


- Take out pages 5 to 12 of this supplement.
- The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
- Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - Fold each sheet in half along the black dotted line.
  - Fold it in half again along the green dotted line.
  - Cut along the red dotted lines.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

- Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
- Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
- Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - Songa iphepha phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - Phinda ulisonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.

“Where is everyone going?” asked Valcia.  
 “We’re going to Gogo Moeng’s house. It is her birthday,” explained Siphu.  
 “I’ve got a bunch of flowers for Gogo Moeng. Can I come too?” asked Valcia.  
 “Of course,” said Momma and off they marched.  
 The bunch of flowers made Valcia sneeze, “*Achoo! A-A-choooo!*”  
 The chubby chicken went *chuk-chuk-chook, chuk-chuk-chook*, the packet of crispy potato chips went *crinkle-crinkle*, Baby Beka’s balloon went *bobbity-bob* and Momma’s slippers went *pliff-pliff, pliff-pliff* down the dusty path until they saw Mr Sithole digging in his vegetable garden.  
 “Kuyiwaphi ngumntu wonke?” ubuzile uValcia.  
 “Siya kwaMakhulu uMoeng. Lusuku lwakhe lokuzalwa,” wacacisa uSiphu.  
 “Ndingesipha senyayambo endinokumnika sona uMakhulu uMoeng. Ndingeza nam?” wabuzisa uValcia.  
 “Ngokunginisekileyo,” wawsho uMoeng baze bahamba bonke.  
 Isipha senyayambo samenza wathimla uValcia, “*Ashuni! A-A-Ashununi!*”  
 Inkukhu eyetyisweyo yayingxola ikokoza isithi *ko-ko-ko-ko*.  
*ko-ko-ko-ko*, ize ipakethi yetships ezikamzelayo ithi *rhwasha-rhwasha-rhwasha*, ibhaloni yoSana uBeka ithi, *bhaku-bhaku-bhaku* zaye iiflops zikaMomma uMoeng zona zisithi *phaqa-phaqa, phaqa-phaqa* ukuhla ngedlidlana enothuli de babona uMnumzana uSithole epera esityeni sakhe semifuno.



## Momma Moeng’s surprise UMomma uMoeng wenze okungalindelekanga


Momma Moeng sets out to surprise Gogo Moeng on her birthday. She carries the jar of jam she made on her head, and ties Baby Beka and his blue balloon to her back. Along the way, they meet many more well-wishers, and Momma Moeng ends up heading a noisy, colourful procession carrying piles of presents to Gogo. When they finally get to Gogo’s house, there is a short pause, but then the party really gets going!

UMomma uMoeng wagqiba kwelokuba enzele uMakhulu uMoeng angakulindelanga ngosuku lwakhe lokuzalwa. Wathwala entloko ingqayi yejem awayemenzele yona, waze wabeleka uSana olunguBeka owayephethe ibhaloni yakhe embala uzuba. Endleleni, badibana nabanye ababenqwenelela uMakhulu uMoeng usuku lokuzalwa olumnandi, waze uMomma uMoeng wazibona sele ekhokele igqiza eliphethe intaphane yezipho, elalizophathele uMakhulu. Ekugqibeleni, xa befika kwaMakhulu, bakhe bathi nqumama okomzuzwana, kodwa emva koko waqalisa umbhiyozo wosuku lokuzalwa!


Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Joan Rankin  
 Tamsin Hinrichsen  
 Natalie Hinrichsen



Iwathi lwakuva ivumba lekeyiki uSana uBeka lwanambitha lusithi, "ncam, ncam, ncam, ncam."  
 Inkukhu eyeyiswiweyo yayingxola ikokoza isithi ko-ko-ko-ko, ko-ko-ko-ko, ize ipakethi yetships ezikramzelayo ithi rhwasha-rhwasha-rhwasha, ibhaloni yoSana uBeka ithi, bhaku-bhaku-bhaku zaye iiflops zikaMomma uMoeng zisithi phaqa-phaqa, phaqa-phaqa ukuhla ngendledlana enothuli de badibana noValecia.

It all started when Momma Moeng made a jar of jam for Gogo Moeng's birthday. Then Baby Beka found his best blue balloon. He wanted to give it to Gogo for her birthday.

Momma tied Baby Beka to her back with a soft blanket. Then she put the jar of jam on her head and off she marched to Gogo Moeng's house. Baby Beka's balloon went *bobbity-bob* and Momma's slippers went *pliff-ploff, pliff-ploff* down the dusty path until she met Siphon coming out of the Tip-Top shop.

"Where are you going, Momma Moeng?" asked Siphon.

"Baby Beka and I are going to Gogo Moeng's house. It's her birthday today," replied Momma.

"I've got a packet of crispy potato chips for Gogo Moeng. Can I come too?" asked Siphon.

"Of course," Momma smiled and off they marched.

Konke kwaqala mhla uMomma uMoeng wenza ingqayi yejem, Keyenzela uMakhulu uMoeng njengesipho sosuku lokuzalwa kwakhe. USana uBeka wafumana eyona bhaloni ayithandayo embala uzuba. Wayefuna ukuyinika uMakhulu ngosuku lokuzalwa kwakhe.

UMomma uMoeng wabeleka uSana uBeka ngebhayana elithambileyo. Emva koko wathwala ingqayi yejem entloko waze wahamba esiya kwaMakhulu uMoeng. Ibhaloni yoSana uBeka yayisithi *bhaku-bhaku-bhaku* zaye iiflopsi zikaMomma uMoeng zisithi *phaqa-phaqa, phaqa-phaqa* njengokuba esihla ngendledlana enothuli, de wadibana noSiphon ephuma kwivenkile yakwaTip-Top.

"Uyaphi, Momma uMoeng?" wabuza uSiphon.

"Mna noSana uBeka siya kwaMakhulu uMoeng. Namhlanje lusuku lwakhe lokuzalwa," waphendula uMomma uMoeng.


"Ndinepakethi yetships zeetapile ezikramzelayo endinokumnika yona uMakhulu uMoeng. Ingaba ndingahamba nani ukuya kuye nam?" wabuza uSiphon.

"Ngokuqinisekileyo," wancuma uMomma uMoeng, baze bahamba bonke.



"Where are you all going, Momma Moeng?" Mr Sithole asked. "We're going to Gogo Moeng's house. It's her birthday," she replied. "I have a trolley full of vegetables for her," said Mr Sithole. "Please could you give it to her?"  
 "Of course," answered Momma. But now Momma had a BIG problem - there was too much to carry! She had to think of a plan. First, she took Baby Beka off her back and then tied the chubby chicken onto her back with the soft blanket. Baby Beka *SCREAMAAAAA!* So, Momma put the chubby chicken on top of the trolley and tied Baby Beka onto her back with the soft blanket. Baby Beka was happy and the chubby chicken was very happy to peck at all the vegetables. But Momma wasn't happy with this so she put the chubby chicken on Valecia's head. The feathers tickled Valecia's nose and made her sneeze even more, "AAAAA-CHOOOOO!" Valecia wasn't happy.  
 "Niyaphi na nonke, Momma uMoeng?" wabuza uMnumzana uSithole.  
 "Siya kwaMakhulu uMoeng. Lusuku lwakhe lokuzalwa," waphendula uMomma uMoeng.  
 "Ndinengqwelwana ezile yimifuno yakhe," wabho uMnumzana uSithole. "Ningandinceda nyithathe nize nimnike yona?"  
 "Ngokuqinisekileyo," waphendula uMomma uMoeng. Kodwa ngoku uMoeng waba nengxaki ENKULU - zazininzi kakhulu izinto ekufuneka aziphathe! Kwafuneka ccinge icebo. Kugala welisa uSana uBeka emgolo waze wabeleka inkukhu eyeyiswiweyo ngebhayana elithambileyo. USana uBeka *LWAKHALA KAKHU-U-U-LU!* Ngoko ke uMomma uMoeng wakhwelisa inkukhu eyeyiswiweyo kwinqwelwana waze wabeleka uSana uBeka ngebhayana elithambileyo. USana uBeka lonwaba kakhulu yaze nenkukhu eyeyiswiweyo yavuyela ukumana ingola yonke loo mifuno. UMomma zange akuthande oku ngoko ke wayithwalisa uValecia inkukhu eyeyiswiweyo. Iintsiba zayenza yarhawuzela impumlo kaValecia kwaye zamenza wathimla nangaphhezulu, "AAAAA-TSHUUUU!" uValecia wayengonwabanga.

“Xa kunjalo ke masifumane oku kwe-ambrela yethu TO-RHO? Sifuna ukwenza umzi okhethekileyo,” wacela uSisi.  
 “Uxolo, Sisi, naso ndisisebenzile,” watsho uTata.



“Then can we P-L-E-A-S-E have our umbrella? We want to make a special house,” asked Sisi.  
 “Sorry, Sisi, I’ve used that too,” said Daddy.

“Sisi! Play HOUSE!”  
 “Sisi! Didi! IMIZI!”




**About the author**

*Daddy’s surprise* is part of a collection of stories in *Sisi goes to school and other stories* published by Human & Rousseau (an imprint of NB Publishers), written by Wendy Hartmann and illustrated by Joan Rankin. Available in bookstores now.

Wendy, who has had more than 40 children’s books published, lives in Table View. Apart from writing, she also paints.

In 2007 her book *Nina and Little Duck* was awarded the coveted M.E.R. Prize for illustrated children’s books. Her book *In a House, in a House* was on the shortlist for the 2010 M.E.R. Prize and *Just Sisi* won the 2011 M.E.R. Prize for best illustrated children’s book.




Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

**Daddy’s surprise**  
**UTata wenze okungalindelekanga**



Wendy Hartmann  
 Joan Rankin





"Then can we play with our tyres?" asked Sisi.  
 "We want to roll them down the hill."  
 "Not today, Sisi," said Daddy. "I'm using them."  
 "But D-a-a-d-y . . . ."  
 "Xa kunjalo ke, singadlala ngamavili ethu?"  
 wabuza uSisi. "Sifuna ukwagengqa,  
 ehle endulini!"  
 "Hayi ngeke namhlanje,  
 Sisi," watsho uTata.  
 "Ndiyawasebenzisa."  
 "Kodwa T-a-a-t-a . . . ."



"Sisi! What's wrong?" asked Mama.  
 "Why is your brother crying?"  
 "Sisi! Kwenzeke ntoni?" wabuza  
 uMama. "Uliliswa yintoni  
 umnakweni?"

"Where's Daddy?" asked Sisi. "Maaa . . . ?  
 Where's Daddy? He said he had a surprise  
 for us."

"Uphi uTata?" kubuza uSisi. "Mhaa . . . ?  
 Uphi uTata? Ebethe unento ayenzileyo  
 engalindelekanga."



"LOOOOK!  
 Our house!  
 My shop!"  
 "JOOOONGA!  
 Indlu yethu!  
 Ivenkile yam!"

"Roll! Roll! Roll!"  
 "Qengqelele! Qengqelele! Qengqelele!"



"It's not me!" said Sisi. "It's Daddy! Daddy is playing with OUR toys."  
 "Asindimi!" watsho uSisi. "NguTata! UTata udlala ngezinto ZETHU zokudlala."



"Rolli Rolli ROLL!"  
 "Qengqelele! Qengqelele! QENGQELELE!"

"Ah, picnic time," said Mama.

"Aaha, lixsha lepikniki," watsho uMama.



Dad smiled proudly.

UTata wancuma ngokuzingca okukhulu.



"Daddy is busy, Sisi," said Mama. "So, please, both of you play outside for a little while."

"But Maaa . . ."

"UTata uxakile, Sisi," watsho uMama. "Ngoko ke, ncedani, hambani niye kudlala phandle nobabini."

"Kaloku Mhaa . . ."



Bang!  
Bang!

Gqum!  
Gqum!



"Kodwa Tata . . ."

"Tata . . . singayifumana ibhokisi yethu? Sifuna ukudlala umdlalo wokuba nesiphaza," ubuzile uSisi.  
 "Hayi, Sisi" watsho uTata. "Ndiyisebenzise kwenye into loo bhokisi."

"But Daddy . . ."

"Daddy . . . can we have our box? We want to play spaza shop," asked Sisi.  
 "No, Sisi," said Daddy. "I've used it for something."



"SURPRISE!"  
 "WHA-A NAKO  
 OKUNGAINDELEKANGA!"



"IBHOKISI!"  
 "BOX!"

"Good idea. I'll ask Daddy."

"Licebo elilungileyo elo.  
 Ndiza kucela kuTata."





So, Momma took the chubby chicken and put it on Siphos' head and she gave him Valécia's flowers to hold. Now Valécia had two hands free to hold the cake. And Momma had two hands free to push the trolley. Everyone was happy and off they marched to Gogo Moeng's house.

The wheels of the trolley went *squeak-squeak-squeak*. Valécia had icing from the cake on her cheeks so her tongue went *slurp-slurp-slurp*. Baby Beka mumbled, "Nummy, nummy, nummy." The chubby chicken went *chuk-chuk-chook, chuk-chuk-chook*, the packet of crispy potato chips went *crinkle-cribble*, Baby Bekas' balloon went *bobble-bobble* and Mommas' slippers went *pliff-pliff, pliff-pliff* down the dusty path all the way to Gogo's house.

Uthe ke uMlomma uMloeng wathatha inkukhu eyetyisiweyo wayithwalisa uSiphos wamphathisa ncentyatyambo zika Valécia. Ngoku uValécia wayenzandla ezibini zokuphatha ikeyiki. NoMlomma uMloeng wayenzandla ezibini zokutyhala inqwelwana enemifuno. Wonke umntu ke wonwaba, baza bahamba besiya kwaMakhulu uMloeng.

Amavili enqwelwana ayesithi *tswi-tswi-tswi*. UValécia wayeneswekile yokuhombisa ikeyiki ezidleleni zakhe ngoko ke wayezikhotha esithi, *lence, lence, lence*. U Sana uBeka wayenamabhata esithi "*ncam ncam ncam ncam*." Inkukhu eyetyisiweyo yayingxola ikokoza isithi *ko-ko-ko-ko, ko-ko-ko-ko, ize ipakethi yetships ezikramzelayo ithi *rhwassha-rhwassha*, ibhaloni yoSana uBeka ithi *bhaku-bhaku-bhaku*, ke zona iiflops zikaMlomma zazisithi *phaga-phaga, phaga-phaga* ukuhla ngenedledlana enothuli ukuya endlwini kaMakhulu uMloeng.*

When she opened it everyone started singing a happy-birthday song.


On the table were the vegetable pie and jam tarts that Momma had made, newly laid eggs from the chubby chicken, the special birthday cake and the crispy potato chips. The table was decorated with flowers and Baby Beka's beautiful blue balloon.

"THIS IS MY BEST BIRTHDAY EVER!" said Gogo. And she should know, because Gogo had already had at least eighty or ninety birthdays before this one!

Xa evula umnyango, wonke umntu waqala ukucula ingoma yokubhiyozela usuku lokuzalwa.

Phezu kwetafile kwakukho ipayi eyenziwe ngemifuno kunye nezimuncumuncu zejem ezenziwe nguMomma uMoeng, amaqanda asandula ukuzalwa yinkukhu etyetyisiweyo, ikeyiki ekhethekileyo yosuku lokuzalwa kunye neetships ezikramzelayo ezenziwe ngeetapile. Itafile yayihonjiswe ngeentyatyambo kunye nebhaloni entle ezuba yoSana olunguBeka.

"OLU LOLONA SUKU LWAM LOKUZALWA NDILONWABELEYO!" watsho uMakhulu. Kwaye wayekwazi ngokwenene oko, kuba uMakhulu wayesele ebhiyozele imihla yokuzalwa engamashumi asibhozo okanye engamashumi alithoba phambi kolu suku!



"We must get a birthday cake for Gogo," said Momma. They went inside. *Ting-a-ling* went the doorbell. "Good morning, Mrs Makabelo. Did you know today is Gogo Moeng's birthday?" "Oh yes," said Mrs Makabelo. "I have baked a special cake for her, but I can't leave the shop. Could you take it to her?"


"Of course," offered Momma, but there was a problem – Momma needed two hands to carry the cake. So, she made a plan. She put the chubby chicken on top of the jar of jam that she was carrying on her head. Now she had two hands to carry the special birthday cake. Off marched Momma, Baby Beka and Siphos through the *ting-a-ling* door. When Baby Beka smelt the cake he mumbled, "Nummy, nummy, num-num."

The chubby chicken went *chuk-chuk-chook, chuk-chuk-chook*, the packet of crispy potato chips went *crinkle-cribble*, Baby Bekas' balloon went *bobble-bobble* and Mommas' slippers went *pliff-pliff, pliff-pliff* down the dusty path until they met Valécia.

"Kufuneka sithengele uMakhulu uMloeng ikeyiki yosuku lokuzalwa," watsho uMlomma uMloeng. Bangena ngaphakathi. *Nkqim-nkqi* yakhala intsimbi yokunkqonkqoza. "Molo, Nkosikazi uMakabelo. Ingaba uyazi ukuba namhlanje lusuku lokuzalwa lukaMakhulu uMloeng?"

"Owu, ewe," watsho uNkosikazi uMakabelo. "Ndimbhalele ikeyiki ekhethekileyo, kodwa andikwazi kuyisihya ivenkile. Ndinganiphathisa ukuze nimnike yona?"

"Ngokunqinisekileyo," wavuma uMlomma uMloeng, kodwa kwakukho ingxaki eza kuvela – uMlomma uMloeng kwakufuneka enezandla ezibini zokuphatha ikeyiki. Ngoko ke wacinga icebo. Wathatha inkukhu eyetyisiweyo wayibeka phezu kwengqayi yejem awayeyithwele. Ngoko ke waba nazo izandla ezibini zokuphatha ikeyiki ekhethekileyo yosuku lokuzalwa. Bahamba ke ooMlomma uMloeng, uSana uBeka kunye noSiphos bephuma kuloo mnyango uthi *nkqim-nkqi*.



"I've got a chubby chicken for Gogo Moeng. Can you give it to her?" asked Mr Shabalala.

"Of course," said Momma tucking the chubby chicken under her arm and off marched Momma, Baby Beka and Siph.

The chubby chicken went *chuk-chuk-chook, chuk-chuk-chook*, the packet of crispy potato chips went *crinkle-crinkle*, Baby Beka's balloon went *bobbity-bob* and Momma's slippers went *pliff-ploff, pliff-ploff* down the dusty path until they came to Mrs Makabelo's home-bake shop.

"Ndinenkukhu eryeyiswiweyo endinokuyinika uMakhulu uMoeng. Ndinganiphathisa yona ukuze nimnike?" wabuza uMnumzana uShabalala.

"Ngokungqinisekileyo," watsho uMomma uMoeng eyithi khatha phantsi kwekwapha loo nkukhu iyeyiswiweyo waze wahamba noSana uBeka kunye noSiph.

Inkukhu eryeyiswiweyo yayingxola ikokoza isithi *ko-ko-ko-ko-ko-ko-ko*, ize ipakethi yetships ezikramzelayo ithi *rhwasha-rhwasha-rhwasha*, ibhaloni yoSana uBeka ithi *bhaku-bhaku-bhaku* zaze iifops zikaMomma zathi *phaqa-phaqa, phaqa-phaqa* ukuhla ngendledlana enothuli bade batha evenkileni yokubhaka kaNkosikazi uMakabelo.

Siph's packet of crispy potato chips went *crinkle-crinkle*, Baby Beka's balloon went *bobbity-bob* and Momma's slippers went *pliff-ploff, pliff-ploff* down the dusty path until they came to Mr Shabalala, who was feeding his chickens.

"Where are you going?" he asked.

"We're going to Gogo Moeng's house. It's her birthday," answered Momma.



Ipakethi kaSiph yeetships zeetapile ezikramzelayo yayisithi *rhwasha-rhwasha-rhwasha*, ibhaloni yoSana uBeka isithi *bhaku-bhaku-bhaku* zaye iifopsi zikaMomma uMoeng zona zisithi *phaqa-phaqa, phaqa-phaqa* lo gama behla ngendledlana enothuli, de badibana noMnumzana uShabalala, owayesipha iinkukhu zakhe ukutya.

"Niyaphi na?" wabuza.

"Siya kwaMakhulu uMoeng. Lusuku lokuzalwa kwakhe," waphendula uMomma uMoeng.

UMomma uMoeng wankqonkqoza kumnyango wangaphambili. USipho wahababha ikhwelo. UValecia wakhwaza. Kodwa kwakungekhomo mpendulo. UMomma uMoeng wayihala uMamma uMoeng angavale athi gqi!"

UMomma uMoeng wathi, "Masigalise ukuphuka mhlawumbi ngoko ke yiloo nto kanye etho yenziwa ngabo bonke - wonke umntu ngaphandle nje kosana olunguBeka. Othe yena wahalala phezu kwekhawuntari yasekhithishini esecaleni kwefestile wakroba, de wabona uMakhulu uMoeng esiza, ehamba ngendledlana, esezantsi kwenduli elithambeka.



Momma knocked on the front door. Siph whistled. Valécia shouted. But there was no reply. Momma pushed the front door open and they all went inside. But there was no one there. They looked in the kitchen - nobody. They looked in the bedroom - nobody. They looked everywhere. Where could Gogo be? Momma said, "Let's get cooking and maybe Gogo will turn up." So that is what everyone did - everyone except Baby Beka. He sat on the kitchen counter next to the window and watched until he saw Gogo walking way down the path at the very bottom of the steep hill.

"Gogo! Gogo!" he called. Everyone looked.

"GOGO! GOGO!" everyone shouted together. "GOGO!"

Way down at the bottom of the steep hill Gogo said, "EE-EE-EE. Someone is calling me. Now I can't go to the shops to buy my birthday supper."

Gogo turned round and walked all the way up the steep hill. Her slippers went *shuffle-shuffle* on the dusty path. Finally she reached the back door.

"Makhulu! Makhulu!" lwakhwaza uSana olunguBeka. Wonke umntu wakroba.

"MAKHULU! MAKHULU!" bonke bakhwaza ngaxeshanye. "MAKHULU!"

Phaya emazantsi enduli uMakhulu wathi "EE, EE, EE. Kukho umntu ondikhwazayo. Ngoku andikwazi kugqitha ezivenkileni ndizithengele isidlo sangokuhlwa sosuku lwam lokuzalwa."

UMakhulu wajika waza wanyuka loo nduli ilithambeka. Izilipasi zakhe zazisithi *shixi-shixi, shixi-shixi* kulo ndledlana inothuli. Ekugqibeleni wafika kumnyango wangasemva.




## Your story

Here are two pictures and a piece of writing sent to Na'ibali by three of our readers from Limpopo. Enjoy them – and send us your stories and drawings! You stand a chance of having them published in the Na'ibali supplement, or on the Na'ibali Facebook page. Remember: it has to be all your own work!



## Ibali lakho

Nantsi imifanekiso emibini kunye nesiqwengana esibhaliweyo nezithunyelwe kwaNa'ibali ngabafundi bethu abathathu baseLimpopo. Zonwabele – uze ke usithumelele awakho amabali nemizobo! Ungasethubeni lokupapashelwa oko kuhlelo lweNa'ibali, okanye kwikhasi likaFacebook lakwaNa'ibali. Khumbula: kufuneka konke oko ibengumsebenzi wakho ncakasana!



Trecious Motshana, 11 years old, Ikaneng Reading Club  
nguTrecious Motshana, oneminyaka e-11, we-Ikaneng Reading Club



Mom – my role model. She cooks for me. She buys me clothes and food.

Rinky Themba,  
7 years old

UMama – ungumzekelo kum. Uyandiphekela. Undithengela impahla nokutya.  
nguRinky Themba, oneminyaka e-7

## Ukufunda kunye nokwabelana ngovuyo ngoSuku lwaBantwana

Igama lam ndinguLokišetšo Journey Masemola. Ndazalwa ngomhla we-05 kweyeKhala kowama-2004 eLimpopo kwisibhedlele iGlen Cowie. Ndiyintombazana kwaye ndineminyaka eli-10 ubudala nentsundu ngebala. Ndiithetha iSepedi. Ndinoodadewethu ababini kunye nomnakwethu omnye. Sihlala kwizindlu zeRDP eJane Furse, kufutshane nelali yaseMgwanamatlang. Sihlala kunye nomama wethu.

Ndifunda kwiSikolo samaBanga aPhantsi iDikgabje. Kukho ithala leencwadi esikolweni sethu. Ndikwiqela elibizwa ngokuba yiDikokwane. Xa ndifunda ibali ndiziva njengomntu owabelana nabanye ngalo. Ndikwenza kakuhle kakhulu oko.

Andifuni kuphoswa ngumbhiyozo woSuku lwaBantwana, kuba ndiyakuthanda ukonwaba ngolu suku ze ndabelane ngalo nabanye abantwana basekohlaleni nabavela kwezinye iindawo. Ndifuna ukuba ngumntwana okwaziyo ukuthi "hayi" kubantu endingabaziyo, ndithi "hayi" kwizinto endingazaziyo. Ndifuna ukuphulaphula kakuhle ekhaya nasesikolweni.

Ndinethemba lokuba ibali lam liza kupapashwa kuHlelo lweNa'ibali njengamabali abanye abantwana, umzekelo, u-Innocent Nape weSikolo samaBanga aPhantsi iMakuparate, Ikaneng Reading Club, uMamone noKelebogile weChampion's Reading Club eBloemfontein.

nguLokišetšo Journey Masemola, oneminyaka eli-10

learning and sharing joy in children's day.  
My name is Lokišetšo Journey Masemola. I was born in 05 July 2004 in Limpopo in Glen Cowie Hospital. I am a girl and I am 10 years of age, and dark in colour. I am speaking Sepedi. I have two sisters and one brother. We live in RDP JANE FURSE next to Mgwanamatlang village, we live with our mother. I attend my school lessons in Dikgabje Primary School. There is a library at our school. I am in a group called Dikokwane. When I read a story, I feel like I am that person who is sharing. I do it very good. I think I do not have to miss to attend a children's day, because I like to have joy and share it with other children in or out of our community. I want to be a child who can say no to strangers, no to strange things. I want to be a good listener in my home and in my school. I wish my story will be published in NA'IBALI news like others e.g. Innocent Nape from Makuparate Primary School, Ikaneng Reading Club, Mamone, And Kelebogile from Champion's Reading Club from Bloemfontein.

All Warm Share Comforts explore

Lokišetšo Journey Masemola, 10 years old

Send your writing and pictures to: [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), or PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wycroft Road, Mowbray, 7700.

Thumela okubhalileyo kunye nemifanekiso ku-[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), okanye ku-PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wycroft Road, Mowbray, 7700.



# Pat, the singing rhino

By Kgosi Kgosi ✨ Illustrations by Jiggs Snaddon-Wood



There once was a rhinoceros named Pat who lived in Limpopo Province. He loved to sing and his family and friends loved listening to him. One day he decided to leave home to become famous.

He travelled all over South Africa singing to the different people of the country. There was not a part of the country he did not go to. If it was a well-known place, he had been there. He could not imagine himself doing anything else and he became very proud.

One day, while he was on a stage singing a beautiful song to thousands of people, Pat suddenly began to croak. He coughed, and tried to carry on singing, but he croaked again. He tried a number of times, but then Pat realised that he had lost his voice! No matter how hard he tried, he could not sing. He couldn't even speak!



"We want our money back!" the people shouted. They grew very angry and began throwing mud at him. The mud splashed all over his face and poor Pat could not see properly. His clothes were very dirty. Pat was scared. He had never before felt so bad. This made him a very sad rhino.

Pat decided to go back to his home in Limpopo. On his way home, he kept wondering if he would ever get his beautiful voice back and be able to sing again.

People in the streets laughed and made fun of him. "You are not so famous now!" said one. Everyone was rude to him that day.

As Pat was walking along he met a very strange old woman. She had long white hair, a big nose, scary blue eyes and she was as thin as a stick.


"Your voice is not lost forever," she said to Pat. "You must search and find it. Remember this: always do things with love in your heart."

Then the old woman told Pat that there was only one special place in the country where he would find his voice, but she did not tell him where it was. Pat knew that he had to travel around the country again, but this time it would be to find the special place where the old woman had said he would find his voice.

The next day Pat began his search. He went to Cape Town where he had sung in a carnival with lots of other singers. He had no luck there. He did not find his voice. All he found were a few thoughts of how well he had sung before and how proud he had been then.

So, he went on to Namaqualand in the Northern Cape where he tried to sing to the Khoisan people, but he could not sing and his voice was nowhere to be found.

Pat went to the Kingdom of Zululand where he tried to sing for the Zulu king and his people, but still his voice was nowhere to be found. The king and his people helped Pat search the whole kingdom, but no one could find Pat's voice.



In the end, Pat had travelled to every place in the country and had given up all hope of ever finding his voice. He was miserable and alone. He found himself missing his family and friends.

So, the very next day Pat decided to go back home to Limpopo. He was going to go back to the place where he was born.

It took a long, long time for him to get there, but at last he was home. Everyone was so happy to see him. Pat was happy to see them too, but he was sad because he could not say a single word. He wanted to tell them tales of his travels, of the wonderful things he had seen and, of course, that he had lost his voice. He was very tired, but glad to see how many people loved him.

When all Pat's friends had gone home, his mother brought him a bowl of hot soup and a slice of bread. Then she tucked him into his bed and kissed him good night. Pat fell fast asleep and slept until morning.

When Pat woke up, he did not know where he was. He kicked off his blankets and jumped out of bed. Then he remembered that he was at home with his family and friends who loved him.

"Mother!" he shouted. The word came out loudly. "Mother!" he called again just to make sure that his voice was still working.

Pat jumped up and hugged his mother when she walked into his bedroom. "Mother, my voice is back. I can speak again." Pat's mother had never seen him this happy. It filled her heart with happiness to see him smile again. She called everyone together and Pat sang for them. They had missed hearing his voice and having him around.

Pat stayed home for good. He never went back on stage. It turned out that home was where his voice was. He realised that everything he had thought was wonderful when he was travelling, was not as wonderful as the happiness and love he had at home.

# UPat ngumkhombe oculayo

Libali likaKgosi Kgosi ★ Imifanekiso yekaJiggs Snaddon-Wood

Indawo  
Yamabali

Kudala-dala kwakukho umkhombe ogama linguPat nowawuhlala kwiphondo laseLimpopo. Lo mkhombe wawukuthanda kakhulu ukucula kwaye usapho nezihlobo zawo zazithanda ukuwuphulaphula. Ngenye imini wagqiba kwelokuba ulishiye ikhaya, uye kuzenzela udumo.

Lo mkhombe walizula lonke elaseMzantsi Afrika uhamba ucelela abantu abohlukileyo beli lizwe. Akukho nanye indawo ungazange uye kuyo kweli lizwe. Ukuba yindawo eyaziwa kakhulu leyo, lo mkhombe sowukhe waya kuyo. UPat wayengayazi enye into anokuze ayenze ngaphandle kokucula kwaye oko kwakumenza azive eneqhayiya kakhulu ngaye.

Ngenye imini, xa wayeseqongeni esaculela amawakawaka abantu ingoma emnandi, lasuka ilizwi likaPat landongozela, wangqokola. Wathinta isikhohlela, ezama ukuvula ilizwi lakhe waze wazama ukucula kwakhona, kodwa wasuka wangqokola ngakumbi. Wazama amaxesha ngamaxesha uPat, kodwa wahle waqonda ukuba ilizwi lakhe eliminandi alisekho! Nokuba wayengade azame kangakanani, wayengade akwazi ukucula. Wayengasakwazi nokuthetha oku ngoku!



“Buyisa imali yethu!” kwakhwaza wonke umntu. Bazala ngumsindo abantu baze bangibisela ngodaka. Udaka lwamthshiza ubuso bakhe bonke, lwaza usizana olunguPat alwakwazi nokubona oku ngenxa yokuvalwa lolo daka. Impahla yakhe yaba mdaka kakhulu. UPat wayesoyika kakhulu. Wayengazange weva kakubi kangangohlobo awayesiva ngalo ngaloo mzuzu. Oku kwamenza wangumkhombe olusizi kakhulu.

UPat wagqiba kwelokuba agoduke, abuye kwikhaya lakhe eliseLimpopo. Endleleni egodukayo, wayezibuza ukuba angaze aphinde alifumane kusini na ilizwi lakhe eliminandi, nto leyo eya kumenza abuye akwazi ukucula kwakhona.

Abantu endleleni babehlekisa ngaye, bemanyelisa. “Yewa, udumo luphelile ngoku kuwe!” watsho omnye. Wonke umntu wayekrwada ngakuye ngaloo mini.

Wathi uPat esahamba, wahlangana nexhegokazi elingaqhelekanga kuloo ngingqi. Eli xhegokazi lalinenwele ezinde nezimhlophe, linempumlo enkulu, amehlo aluhlaza oyikekayo kwaye lalibhityile, lineengcondo ngathi yimicinga.


“Ilizwi lakho alinakutsha ngonaphakade,” latsho eli xhegokazi kuPat. “Kufuneka ulikhangele ude ulifumane. Khumbula oku: kufuneka usoloko usenza izinto ngothando olusentliziweni yakho.”

Emva koko eli xhegokazi laxelela uPat ukuba kukho indawo enye nekhethekileyo elizweni apho anokulifumana khona ilizwi lakhe, kodwa zange limxelele ukuba iphi na loo ndawo. UPat wayesazi ukuba kufuneka ajikeleze ilizwe lonke kwakhona, kodwa ngeli ixesha yayikukhangela loo ndawo ikhethekileyo, apho ixhegokazi lalimxelele ukuba uza kulifumana kuyo ilizwi lakhe.

Ngosuku olulandelayo uPat waqalisa ukukhangela. Waqala waya eKapa apho wayekhe wacula khona kumsitho wezemidlalo nemigcobo kunye nezinye iimvumi ezininzi. Akazange abenethamsanqa apho. Akazange alifumane ilizwi lakhe. Konke awakufumanayo yayiziingcinga ezimbalwa zokuba wacula kamnandi kakhulu apho ngaphambili kwanendlela awabaneqhayiya ngalo ngokucula apho.

Emva koko waya eNamaqualand, eMntla Koloni apho wayekhe wazama ukuculela abantu abangamaKhoisan, kodwa zange akwazi ukucula kwaye nelizwi lakhe zange lifumaneke.

UPat waya kubuKumkani bakwaZulu nalapho wayekhe wazama ukuculela ukumkani wamaZulu nabantu bakhe, kodwa ilizwi lakhe lalingafumaneki ndawo. Ukumkani kunye nabantu bakhe bamncedisa uPat bakhangela kubo bonke ubukumkani obo, kodwa akukho namnye owalifumanayo ilizwi likaPat.



UPat akukho nanye indawo angazange akhangele kuyo apha elizweni kwaye ngoku laliphele tu ithemba kuye lokuba uya kuze alifumane ilizwi lakhe. Wayengonwabanga kwaphela kwaye wayelilolo. Waziva ekhumbula usapho lwakowabo kunye nezihlobo zakhe.

Ngoko ke, ngosuku olulandelayo uPat wagqiba kwelokuba agoduke, aye eLimpopo. Wayeza kubuyela kwindawo awayezalelwe kuyo.

Kwamthatha ixesha elide kakhulu ukuya kufika apho, kodwa ekugqibeleni wade wafika ekhaya. Wonke umntu wayevuyela ukumbona kwakhona. Ngokunjalo noPat wayevuyela ukubona abantu bakhe kwakhona, kodwa wayedakumbile kuba wayengakwazi nokuthetha negama elinye eli kubo. Wayefuna ukubabalisela amabali eehambo zakhe, izinto ezimangalisayo azibonileyo, kwakunye nelo lizwi lakhe litshileyo nendlela elitsho ngayo. Wayedinwe kakhulu, kodwa wayevuyiswa kukubona indlela abaninzi ngayo abantu abamthandayo.

Bathi bakumka bonke abahlobo bakhe, umama wakhe wamphathela isitya sesuphu kunye nesilayi sesonka. Emva koko wamombathisa, emqoshelisa kakuhle ezingubeni zakhe waze wamphuza esithi busuku benzolo. UPat walala yoyi kwade kwasa.

Ukuvuka kwakhe uPat, wayengazazi apho akhoyo. Wakhamba iingubo zakhe, waxhuma ukuvuka kwakhe ebhedini. Wathi ke wakhumbula ukuba usekhaya kunye nosapho lwakowabo nabahlobo bakhe abamthandayo.

“Mama!” wakhwaza esitsho. Elo gama laphuma kuye ngokuvakalayo. “Mama!” wakhwaza kwakhona efuna nje ukuqinisekisa ukuba ilizwi lakhe liza kuvakala kwakhona na ngoku.

UPat watsiba wamanga umama wakhe akungena egumbini lakhe lokulala. “Mama, ilizwi lam libuyile. Ndiyakwazi ukuthetha kwakhona.” Umama wakhe zange ambone uPat onwabe kangaka. Oko kwayizalisa ngolonwabo intliziyo yakhe akumbona uPat encumile kwakhona. Unina wahlanganisa wonke umntu waza uPat wabaculela. Babelikhumbula ilizwi lakhe kunye nobukho bakhe phakathi kwabo.

UPat wahlala ekhaya umphelo. Zange aphinde abuye eqongeni. Kwabonakala ukuba ekhaya kulapho ilizwi lakhe likhoyo. Waqonda ukuba yonke into ebcinga ukuba iyamangalisa kwaye intle ngokuya wayehamba ejikeleza ilizwe, ayimangalisi njengolonwabo nothando alufumana ekhaya.

# Nal'ibali fun



# Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

How much do you know about Noodle? Choose the correct word from each pair of red words to complete the paragraph about him.

Noodle is **Neo's/Bella's** pet **dog/cat** and he is friends with all of Bella's friends! Sometimes Bella thinks she should have taken him to puppy school when he was younger because he can be very naughty! When Bella and her mom are reading together, Noodle likes to lie near them in case they are reading a story with animal **food/sounds** in it – he likes these stories very much, especially if they have dogs **barking/singing** in them. Noodle loves to be in places where he can run around and **jump/dig**. And when he's done that, there is nothing that he likes more than to have a drink of **tea/water** and a **dog biscuit/bath**!



Ingaba wazi kangakanani malunga noNoodle? Khetha igama elichanekileyo kwezi zibini zamagama abhalwe bomvu uze ugqibezele lo mhlathi ungaye.

UNoodle osisilo-qabane **yinja/yikati kaNeo/kaBella** kwaye ungumhlobo wabo bonke abahlobo bakaBella! Ngamanye amaxesha uBella uye acinge ukuba ngekwakungcono ukuba wayemthumele kwisikolo soqeqesho lweenjana esemncinane uNoodle kuba ngamanye amaxesha ukhe angamameli nje kwaphela! Xa uBella nomama wakhe befunda kunye, uNoodle uyakuthanda ukungqengqa apha kufutshane nabo kuba ecinga ukuba mhlawumbi bangafunda ibali **elinezidlo/elinezandi** zezilwanyana – uyawathanda kakhulu amabali alolu hlobo, ingakumbi xa enezinja **ezikhonkothayo/eziculayo**. UNoodle uyakuthanda ukuba kwiindawo apho angabaleka, ejikeleze kuzo ze akwazi **ukuxhumaxhuma/ukomba** apho. Kwaye ke xa ethe wakwenza oko, ayikho into ayithanda ukogqitha ukusela **itii/amanzi** kunye **nokubhafa/nebhiskiti yezinja**!



Can you unscramble the letters to make the names of the places Pat visited in the story, "Pat, the singing rhino" on page 14?

- LOPIMPO \_\_\_\_\_
- TCAOPWNE \_\_\_\_\_
- CPAENNOREHT \_\_\_\_\_
- QDNALUAMANA \_\_\_\_\_
- DNALLUUZ \_\_\_\_\_



Ungakwazi kusini na ukubalungisa aba nobumba benze amagama eendawo uPat azityeleleyo ebalini elisihloko sithi "UPat ngumkhombe oculayo" kwiphepha le-15?

- LOPIMPO \_\_\_\_\_
- APKA \_\_\_\_\_
- TMLNA KLNOOI \_\_\_\_\_
- QDNALUAMANA \_\_\_\_\_
- NMBKUKUAI ALMAZBUU \_\_\_\_\_

Two of the stories in this edition are about surprises. Follow the steps below to create your own poem about surprises. Each line of your poem starts with a letter from the word, "surprise".

- On a separate sheet of paper, write down all the words or phrases you can think of when you hear the word, "surprise".
- Choose which of these words or phrases you want to use in your poem. Remember each line of your poem has to start with a letter from the word, SURPRISE. For example: you could write "people and presents" on the line that starts with the letter, "p".
- Add in any other words you need to complete your poem.
- Read your poem aloud!

S \_\_\_\_\_  
 U \_\_\_\_\_  
 R \_\_\_\_\_  
 P \_\_\_\_\_  
 R \_\_\_\_\_  
 I \_\_\_\_\_  
 S \_\_\_\_\_  
 E \_\_\_\_\_



**Answers:**  
 • Bella's, dog, sounds, barking, dig, water, dog biscuit  
 • Limpopo, Cape Town, Northern Cape, Namaqualand, Zululand  
 Limpundo:  
 • yinja, kaBella, elinezandi, ezikhonkothayo, ukomba, amanzi, nebhiskiti yezinja  
 • yinja, kaBella, Limpopo, Kapa, Mntla Kolori, Namaqualand, Bukumkani bamaZulu

Amabali amabini kolu hlelo abalisa malunga nokungalindelekanga. Landela esi sikhokelo singasekunene, uqambe owakho umbongo malunga nokungalindelekanga. Umqolo ngamnye wombongo mawuqale ngonobumba ovela kwigama elithi "okungalindelekanga".

- Kuxwebhu ololukileyo lwephepha, bhala phantsi onke amagama okanye amabizana onokuwacinga xa usiva eli gama lithi "okungalindelekanga".
- Khetha ukuba ngawaphi amagama okanye amabizana ofuna ukuwasebenzisa kumbongo wakho kula. Khumbula ukuba umqolo ngamnye kufuneka uqale ngonobumba ovela kwigama elithi OKUNGALINDELEKANGA. Umzekelo: ungabhala "abantu kunye nezapho" kumqolo oqala ngonobumba, "a".
- Fakela nawo nawaphi na amanye amagama owafunayo ukuze ugqibezele ngawo umbongo wakho.
- Funda umbongo wakho ngokuvakalayo!

O \_\_\_\_\_  
 K \_\_\_\_\_  
 U \_\_\_\_\_  
 N \_\_\_\_\_  
 G \_\_\_\_\_  
 A \_\_\_\_\_  
 L \_\_\_\_\_  
 I \_\_\_\_\_  
 N \_\_\_\_\_  
 D \_\_\_\_\_  
 E \_\_\_\_\_  
 L \_\_\_\_\_  
 E \_\_\_\_\_  
 K \_\_\_\_\_  
 A \_\_\_\_\_  
 N \_\_\_\_\_  
 G \_\_\_\_\_  
 A \_\_\_\_\_

Look out for our special World Read Aloud Day edition of the Nal'ibali supplement in the week of 14 February 2016!

Visit our website: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)  
 Ndwendwela iwebhusayithi yethu ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



Hlala ulindele ushicilelo lwethu olukhethekileyo lweNal'ibali loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi kwiveki ye-14 kweyoMdumba wama-2016!

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.